Phambili!
Vorentoe/Forward
Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Upapasho 4

SEPTEMBA | OKTHOBHA 2018

UMHLABA "OWAMBETH' UHLAZA" NDAWANA ZONKE

Abahlali baseOverstrand basebenzise le Nyanga yokuTyala imithi ngenjongo yoqaqambisa ubuhle bokusingqongileyo nokulwa ungcoliseko

INyanga yokuTyala imithi kuZwelonke ibhiyozelwa ngoSeptemba rhoqo ngonyaka. Lo msebenzi liphulo likaZwelonke elijolise ekufundiseni uluntu ngokubaluleka kwemithi yemveli nendima eyidlalayo emaphandleni nasezidolophini kokusingqongileyo.

Ukuze iSebe leZolimo, Amahlathi naMashishini okuloba (i-DAFF) liqhube kakuhle neli phulo, likhetha imithi emibini yemveli - omnye iba ngoxhaphakileyo ze omnye ibe ngonqabileyo. Umthi wokuqala okhethiweyo kulo nyaka (yiBoscia albitrunca). Ufumaneka kwiindawo ezomileyo ezifana neNamibia neBotswana. Ubizwa ngokuba yiShepherd's tree kuba unika abelusi ukhuseleko kwingqatsini yelanga. Owesibini (yiPodocarpus elongatus) iReal Yellowwood nowaziwa ngokuba yiBreede River yellowwood.

eKleinmond

I- DAFF yanikela ngesisa amagatya emithi eli-120 ixhasa umxholo ochongiweyo walo nyaka othi "Forests and Sustainable Cities", kwaye le mifanekiso ingezantsi apha ibonakalisa ngokucacileyo ukuba wonke umntu wayezimisele ukunika eli phulo inkxaso ukuze umhlaba 'owambeth'uhlaza' unabe ukusuka eBaardskeerdersbos ukuya eKleinmond nakwiindawo ezingqongileyo. Siza kuqhubeka sityala imithi unyaka lo wonke.

Ngomhla wesi-3 kuSeptemba Iveki yokuTyala imithi yaqala ngomdla omkhulu xa kwakutyalwa imithi engama-54 **eMountain View, eKleinmond**. *U-Cornette Hull olilungu lasekuhlaleni (ngowesibini ekhohlo unxibe i-T-shirt eluhlaza) wayebukele engakholelwa xa uJames Johannes (uphethe ibhegi kwindawo ephakathi kumqolo ongaphambili) kunye neqela lakhe leNkqubo eXandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu i- EPWP phantsi kweCandelo LePaki xa babencedisana ngokutyala umthi wemvelo awayenikele ngawo. U-Lauren Rainbird, ongumlimi womyezo eOverstrand (ngowokuqala ekhohlo) wayekho naye apha ngenjongo yokuza kuphosa amazwi obulumko.* Nangona umhlaba ongqonge ummandla wase **Gansbaai** ukwisimo esingalungelananga nokuba ookhala kweli phulo batyale imithi kulo nyaka, abalawuli baseOverstrand babenophando lwabo abalwenzileyo ze loo nto yabanika amacebo abanokuwasebenzisa.

eGansbaai

Kwindawo yaseBaardskeerdersbos ***Baardskeerdersbos****, uFrancois Myburgh nonguMphathi kummandla waseGansbaai (ngowesithathu ukusuka ekhohlo) nabanye atyala nabo imithi bancedisana ngotshintsha imithi emidala yeSyzygium guineense kwindlela esinga kumbindi wedolophu neyaziwa ngokuba yiWater Pear ngenxa yokugcina amanzi nokumelana nesimo sembalela. Abakunye naye ngoogxa bakhe kwiSebe leePaki: nguCharles Stevens, uDelano Booysen, uKennith Marthinus, uRiaan le Roux olapha endaweni yabakwaBBHOS, uStephen Fourie onguCeba kuMasipala weSithili saseOverstrand (eODM, uJacobus noPaul de Villiers oyiNtloko yeSebe leePaki.*

Kwezinye iindawo kwalapha kufutshane,uBenjamin Kondokter oligosa lezoKusingqongileyo - encediswa ngoonozaku-zaku beqela i-DEEP BLUE eliphuma eMasakhane Primary - batyala imithi yomquma (i-Olea europaea subsp. africana) kunye noMnyamathi owaziwa ngokuba yiCape ashes (i-Ekebergia capensis) kumabala aseGansbaai Academia. IBhongo neqhayiya labo yiYellowwood etyalwe **ePearly Beach** eConservancy and Herbarium (indawo egcina iirekhodi zezityalo eziqokelelweyo zomiswa ukulungiselela uphando lwenzululwazi).

Benjamin Kondokter

"Masiqinisekise ukuba iza kuphila ngonaphakade." U-Benjamin Kondokter udala iimeko eziza kulungela ukuba kutyalwe amanye amagatya.

Kwindawo yase**Hermanus**, iSebe leePaki lenza konke okusemandleni ukususa ilapesi (izityalo zaphesheya kwemida yeli eziyingxaki) kwithambeka leHermanus Biodiversity Walk nokuvuselela ihlathi elenziwa yimithi ekhula kumhlaba osenyeleni lomlambo **eHemel-and-Aarde Valley**. Kulo msebenzi babewenza baphinda batyala imithi nasemangcwabeni.

eHermanus

Emfanekisweni (ukusuka ekhohlo) nguLouise Visagie, nguDaniel Bala, nguLitha Mqini noKevin van Wyk abaye bafika besuka kwiSebe leePaki eHermanus bancedisa ekutyaleni umthi webisi owaziwa ngokuba yimilkwoods (i-Sideroxylon inerme), nomhlakothi owaziwa ngokuba yiTaaibos (iSearsia crenata) nomoki ofumaneka kwiindawo ezigudle unxweme onamagqabi aluhlaza busilivere nobizwa ngokuba yiCoastal silver oaks (iBrachylaena discolour).

eHermanus

Uncumo olukhulu kuThandikhaya Bango noDavid Situlo lubonakalisa ngokucacileyo ukuba babeyivuyela into yokuba yinxalenye yalo msebenzi - "wokuthutha" imthi.

KHUMBULA ZE UNGAPHOSWA ZIINTSUKU ZOKUXILONGELA IMPILO YAKHO KWINYANGA KA-OKTOBHA

Ekuqaleni kwinyanga kaOktobha abaqeshwa bakaMasipala waseOverstrand baza kufumana elinye ithuba lokuxilongela impilo yabo ngaphandle kwentlawulo.

Le nto iquka ukuhlola ihigh-high yakho, ikholesteroli neswekile esegazini lakho, ukukhwela esikalini kunye nokulinganisa ubukhulu besinqe (umbhinqo)

Umbutho woMhlaza eMzantsi Afrika (iCancer Association of South Africa/ iCANSA) yathembisa ukuba iza kuba ikho ukuze ihlole umhlaza webele.

Iintsuku, iindawo namaxesha zimiselwe ngolu hlobo:

NgoLwesithathu, umhla we-10 kuOktobha: eKleinmond Town Hall: nge 09:00 - nge13:00

NgoLwesine, umhla we-11 kuOktobha: eGansbaai Information Centre: nge 09:00 - nge13:00

NgoLwesihlanu, umhla we-12 kuOktobha: eHermanus, eBanqueting Hall:nge-09:00 nge-14:00

Fumana imvume yokuza apha kumphathi wakho.

UKUGAQELA UBUNTSHATSHELI

U-Tayden Hoffn yinkwenkwana eneminyaka esibhozo nengunyana kaTyrol Mackenzie osebenza njengelungu lezicima-mlilo. Amaqhinga akhe kumdlalo weChess abonakalisa ukuba uyawazi ngenene lo mdlal. Ukhethwe njengomdlali ongaphantsi kweminyaka eli-10 ukuze athabathe inxaxheba kwiSouth African Junior Chess Championship eza kuqala ngomhla we16 -24 kuDisemba 2018 eBoksburg eMpuma Randi. Siqinisekile ukuba lo mfundi kagreyidi 2 eKleinmond Laer uza kudlalela nje ukongeza enye imedali kwezo zininzi asele eziqokelele.

IPHUMILE INTWAZANA! IKHUTSHWE NGOKUTHENJWA UKUBA ITHABATHE INXAXHEBA KUKHUPHISWANO LOPELO-MAGAMA

UKelsey Montagu yimveliso yexabiso eliphezulu ekhonyayo kungoku nje nephuma kummandla weOverber. Le yintwazana eneminyaka eli-12 kaShereen Montagu osebenzela iiNkonzo zoLuntu eStanford. Iphume phambili kukhuphiswano lopelo-magama kuMmandla weOverberg, loo nto yamenza ukuba akhethwe ukuze angenele ukhuphiswano lwamagqibela kankqoyi kwiphondo jikelele noluza kubanjwa ngoMgqibelo umhla woku-1 kuSeptemba eKapa.

Kulapho uKelsey wayekhuphisana khona nabafundi abaphuma kwizikolo ezingama-30 eNtshona Kapa nakwiindawo ezingqonge iphondo. Esakudityaniswa onke amanqaku wabonakala ephuma kwindawo yesithathu, loo nto yambeka kwizinga lokuba akhuphisane namanye amaphondo kumgangatho kazwelonke. U-Kelsey uza kuba eyenye yamantombazana aza kumela iphondo leNtshona Koloni nalapho aza kuba ekhuphisana neencutshe ezintathu zamanye amaphondo ePitoli ngomhla we 4-7 kuOktobha 2018.

Into eyenza ukuba impumelelo yakhe iqaqambe ngakumbi yeyokuba ungumfundi wokuqala omhlophe kuMmandla waseOverberg ukungenela ukhuphiswano kumgangatho kazwelonke.

Nantso ke indlela, gqiyazana! Simincile, sibambe iinkwapha kwaye siqinisekile ukuba impumelelo yakho iya kusenza ukuba sizingce.

Izilwanyana zasekhaya…

Ndiyabulela kuwe Anthea Etalla ngokucebisa ukuba uPhambili ashiye isithuba sokuba isitafu sibhale amazwi 'okunika imbeko' kwizilwanyana zabo abazifuyileyo emakhaya.

U-Anthea usebenza kwiiOfisi zoLawulo eHermanus njengoNobhala oyiNtloko kwiCandelo leePasile. Wasibonisa ifoto yonyana wakhe ogama linguBruce; umthiye ngoBruce Wayne we kid you not kwiflimu kaBatman.

Thumela imifanekiso yezilwanyana zakho kule imeyile rsteenekamp@overstrand.gov.za siza kuzama ukuba siyiveze kuPhambili yonke imifanekiso eniyakuthi niyithumele.

U-Ronell Salies, ongumlungelanisi eHawston Thusong no Llowellin Floors bakhokele ukungena kwentwasahlobo ngokuzimanya ngeqhina lomtshato ngomhla woku-1 kuSeptemba nokukhetha iFernkloof njengendawo abaza kutshatela kuyo. Aba batshati bahle kangaka sibanqwenelela iminyaka eminintsi yolonwabo!

UNDILISEKO NOMFANELEKO!! Sivuyisana noCarlouw Engelbrecht (weSebe leTekhnoloji kwezoNxibelelwano noLwazi) ngokutyunjwa kwentombi yakhe encinci njengeyona iqoqoshekileyo eSerruria, indawo ehlala abafundi abangamantombazana.

Siyawamkela amalungu esitafu aqeshwe isigxina nabasebenzi abaqeshwe kwizithuba ezitsha. Abamileyo kumqolo ongemva nguJan Nortjé (Umsebenzi Gabalala - kwiSebe leePaki: eGansbaai), nguWessel Swartz (Umsebenzi Gabalala - kwiSebe lokuGutyulwa kweLindle, eKleinmond), nguZalisamadinga Kondlo (Umsebenzi Gabalala - kwiSebe leePaki: eKleinmond). Kwindawo ephakathi ngaba balandelayo: nguRuben Abrams (uMfundi weTekhnoloji kwezoNxibelelwano noLwazi / Igosa elinguSolwazi), nguKim Brikkels (uNobhala oyiNtloko - kwiZicimamlilo: eHermanus), nguZimasa Mayekiso (Igosa kwiiOfisi zoLawulo - kwiSCM: eHermanus) no-Ingrid Hanekom (uNobhala oyiNtloko - kwiSebe laBalawuli-Zithuthi: eHermanus). Abahleli phantsi kumqolo ongaphambili nguAiden Johannes (Igosa eliLawula iiNqanawa eZibukweni: eKleinmond).

I-Overstrand iphumelele kwindawo yokuqala

KwiNgqungquthela yeZiko loLawulo loKusingqongileyo noBugcisa ebanjwa rhoqo ngonyaka (i-IERM) ngoSeptemba nguMasipala waseThekwini eDurban, umlimi womyezo uLauren Rainbird wamkela isitifiketi sokuwonga uMasipala wase-Overstrand ngenxaxheba ayayidlalileyo kwii Arbor Awards zika 2018.

UMasipala waseSteve Tshwete (omelwe nguDaleen Lambrechts osekhohlo apha emfanekisweni) wagoduka nesigubha sebhaso ngokuphuma phambili kwindawo yokuqala phantsi kodidi oluthi "oomasipala basekhaya " kw-iArbour Awards.I-Overstrand yaphuma kwindawo yesibini yafumana ibhaso lemali engama- R250 000.

U-Lauren uthi ufunde lukhulu kule ngqungquthela yeIERM kwaye ulithakazelele ngakumbi ithuba lokuba abelane ngezimvo kosingqongileyo namanye amagcisa kwimiba ephathelene nokusetyenziswa kwezithuba ezingenamizi lulutsha emaphandleni nokuba impembelelo yokutyala izitiya ingafakwa njani kwabo baxhamla amathuba okuthenga izindlu ezifikelelekayo.

UPETRONELLA UZIBEKA PHANTSI IINTAMBO EMVA KWEMINYAKA ENGAMA-20

Emva kokusebenza iminyaka engama-20, uPetronella Ferreira ufikelele kwisigqibo sokuba azibeke phantsi iintambo kwaye ngoku ufuna ukuchitha ixesha ekhaya nabazukulwana. "Ngubani owaziyo," watsho eqhula, "Ningandibona ndisithi gqi ndifike ndiqoqoshe ikhabhathi elibalekileyo!"

Iqela loo gxa bakhe emsebenzini lammemela kwisidlo sasemini uPetronella emva koko lamenzela i-braai yokuthi ndlela-ntle ngomhla wama-31 kuJulayi owawulusuku lwakhe lokugqibela emsebenzini. I-Ofisi yeZokhenketho eStanford nayo yabanetheko elenzayo ukuze abahlali nezihlobo benze imibuliso yokugqibelisana (ubye-bye).

UJohan van Taak ongu gxa wakhe umchaza uPetronella njengesihlobo esiphume sodwa kwezingangesigidi sonke kwaye ungumntu okholiswayo kukunceda omnye umntu.

"Ndaqala ukusebenza kuMasipala waseStanford ngoDisemba ka1998," watsho ebalisa uPetronella. "UHermie Lategan wayenguSodolophu, uJacque Carstens yena enguNobhala weSixeko ngelo xesha.

Ndadlala indima yokuba nguSosiba kaNobhala weSixeko, uNobhala weSixeko neNtloko kwiSebe leMicimbi yoLuntu. Ngeli thuba ndandisebenza eswitchboard ndikwayiyo nereceptionist. Umsebenzi wawumninzi kodwa sasisebenza sikhululekile. Yayingekho egqitha into yokuba sasilifumana ithuba lokuba sihleke kube mnandi.

"Yho! ndaphants' ukulibala ukuba ndandikwanguye umgcini wembali nezibhalo ezibalulekileyo! Ndavelisa inkqubo entsha yokugcina iifayile zikaMsipala waseStanford ngendlela ecwangcwisiweyo, ndaqiniseka ukuba iyaphehlelelwa ziziphathi-mandla ukuze isetyenziswe ngokusesikweni.Kha ukhangel'apha, qashela ukuba kwacelwa bani ukuba avelise inkqubo yokugcina iifayile zorhulumente wasekhaya oqulunqwe ngokutsha emva kokudityaniswa kweenkqubo zorhulumento. "Mna noSosiba weSixeko sibahambele oomasipala 'abatsha' ngenjongo yokufunda iindlela ezintsha ezisetyenziswayo zokufayilisha phantsi kweenkqubo ezintsha zorhulumento "Ekuhambeni kwexesha, abeLungu bam abakhulu batshintshelwa 'kundlunkulu' ndasala mna ndibambe 'itewu' kwiiofisi zaseStanford, ndithenjiswa ngala mazwi: 'Sitsalele umnxeba, siza kunika uncedo ngokukhawuleza!' "Ngoku kusemva kweminyaka elishumi elinesithandathu eyadlulayo kwaye intloko yam ixubile. Nangona kunjalo andinakuyilibala into yokuba ndahamba indlela enzima, kodwa ke loo nto yandenza ukuba ndibenobulumko.

"Ndiza kuyikhumbula kakhulu ifemeli yam yaseOverstrand. Amaxesha ngamaxesha oogxa bam bendibahlupha ngokubacela ukuba bandincede kodwa abazange bandiphoxe nangelanga elinye okanye bathi 'hayi asikwazi ukukunceda'

"Ndikholelwe xa ndisithi inene maninzi amabali endinokuwabalisa …

"Kodwa ke kufike ixesha lokuba kungene abantu abatsha, abaza kwenza izinto ngokwahlukileyo, ngohlobo oluza kuhambelana neendlela zokucinga zala maxesha."

UPetronella simnqwenelela okuhle kodwa kwaye siyathemba ukuba uza kulifumana ixesha lokuza kusibulisa xa engaxakekanga yimisebenzi yasekhaya - ed.

NGAMAQHAWE ETHU, NGENENE

UMntu ngamnye kubo wathi gqi enesinxibo esisodwa, esilinganisa: uLara Croft ukuya kuSpiderman, umcimimlilo ukuya kuGqr., umdlali wodumo kwibhola ekhatywayo ukuya kwibanjwa, ukubhiyozela usuku lweCasual Day olungumhla wesi-7 kuSeptemba

Ndiyayibulela kakhulu inkxaso yenu nokubonisa umdla kwinto eniyenzayo! IOverstrand ikwazile kwakhona ukuthengisa iiCasual Day-stickers ezingaphezulu kwama-510, loo nto yenza ukuba ikwazi ukuxhasa iCamphill School ngomnikelo ongama-R5 000. Le ngxowamali iza kuxhasa abantu abadala, ngokukodwa abo babubuthathaka ngokwasengqondweni, kunye nabo bakhubazekileyo kwimfuza yabo, imeko eyaziwa ngokuba yiDown Syndrome Kucacile ukuba abaqeshwa bawuthatha ngomdla umkhulu umxholo walo nyaka, lowo wokuzenza amaqhaji esiwathandayo egameni labantu abakhubazekileyo ngokuza befake izinxibo ezingaqhelekanga.

NguDedré Pedro (ekhohlo) noAdenel Bayley, basebenza ePreekstoel, bafika benezinxibo zabaqhubi beemoto zomdyarho.

Kulo mfanekiso sifuna uzicingele ngokwakho ukuba ngoobani amaqhawe anxityelwe ngabomnyango werhafu: Kumqolo ongasemva (ukusuka ekhohlo) nguCarmen Nel, nguByron May noSonja Africa bakunye noClinton van der Byl noRomeo Stevens ngaphambili.

Akukho mntu unokuyiphikisa into yokuba amaqhawe ahlala esengqondweni yomntu wonke ngaweqela lezohlangulo. Iqela leWithuis elaligaxele ukusuka entloko ukuya eluzwaneni lwafaka umfutho ngokwenza izinto ezihlekisayo ngolu suku.

Amagosa kwiiOfisi zoLawulo eGansbaai nawo alonwabela olu suku, kwakukho ababanezinxibo ezibonakalisa amaqhawe abo kukho nababefake izinxibo nje ezingaqhelekanga.

Ngaphandle kwaleyo kwakhukho amanenekazi asebenza kwiCandelo lePropati kwiiOfisi zoLawulo eyephume elubala ngokubonisa ukuba ngoobani amaqhawe awo. Apha emfanekisweni nguMadelein Erasmus (ekhohlo), uNicolene Liebenberg noWillmary Murtz.

UCharlene Pieters kwiSebe loYilo lweSixeko eHermanus yena ucinga ukuba abona bantu bayiphilayo le nto yobuqhawe ngamagosa ezonyango wona 'achopha ezithendeni' elinde ukubizelwa abo bagula kakhulu.

KwiThala leecwadi laseGansbaai uNoncwadi uRonette Dreyer (ekhohlo), uBusisiwe Mtatase noEdna van der Linde bazibalula nabo, besithi bangawo amaqhawe kubantu abasebenzisa ithala leencwadi imihla ngemihla.

UJohn Simson uthi ndlelantle

UGerrit Coetzee, uJohn Simson noSherwin Rossouw baqhulana ngezakudala. U-John Simson, uMphathi: kwiiNkonzo zeMisebenzi yoKwakha uzibeka phantsi iintambo emva kweminyaka engama-29 emsebenzini.

Ecinga ngeentsuku zakhe zakudala eOverstrand, uJohn uyakhumbula ukuba kwiminyaka engama-30 eyadlulayo xa wayeze kufaka isicelo somsebenzi wokuncedisa kwizinto zobugcisa, iiofisi zazingaxeli nto "zazimthuqwasi". "Phantse yonke into ukusuka phantsi ukuya phezulu yayimdaka ngebala, kuxinene phakathi. Ngumbono owahlukileyo lo xa thelekisa nobuhle beeofisi zale mihla."

Ngexesha lakudala wayebizelwa ukuba enze yonke nje into inophuhliso lwezibonelo: • ukulonga-longa ibala likamasipala ngesixhobo sokusaveya • ukwakha umbhobho wamanzi emvula onqumla ibala leenqwelomoya ukusuka eMount Pleasant ukuya elwandle • ukuyila nokwakha iziko lokupasisa iimoto • ukubekelela izicwangciso zeeprojekthi ezingundoqo nezifikelela kuma-20 ngonyaka.

Yonke le nto kwakufuneka igqitywe ngexesha lakusasa njengoko emva kwemini wayeba ligosa elihlola umgangatho wokhiwa kwezindlu ze ngokuhlwa ahambele iintlanganiso zeKomiti yeMvela phi naMagugu. Ngexesha lakhe "lokuphumla" wayedlala indima yokuba ngumzali kubantwana bakhe ababini enze nomsebenzi wokunyusa ingxowa-mali yeMontessori School.

"Wawungasoze uphephele ngobuthongo ngelo xesha," Waqhula watsho uJohn.

Umsebenzi wakhula wamninzi ngakumbi emva kokuba eqashwe njengenjineli yesixeko encedisana noThys van Rooyen owayekwayiliSekela Nobhala weSixeko. Umnu. Thyswayefundelaukubanguno Nobhalaweixeko, uJohnwayegqibezela izifundo zakhe zeB.com, ngoko ke loo nto yabenza Babesenza izicwangciso zokuba badibane ngeentsuku ezithile evekini ngokuhlwa kwiiofisi zikamasipala ukuze bafunde besebenzisa ithuba "elithe cwaka" phakathi kwe 8 pm. ne 10 pm.

"Yasebenza loo nto," watsho uJohn. "UThys waba nguNobhala weSixeko, mna ndaphumelela izifundo zeB.Com, yinto eyaba ntle kakhulu leyo kuba ukususela ngexesha lokudityaniswa korhulumento phantsi kweGreater Hermanus, ndaqhubeka nomsebenzi wokwenza iibhajethi zeeprojekthi ezingundoqo nezibandakanya amanzi emvula, ukwenziwa kweendlela nokugutyulwa kwelindle."

Isakuba yakhiwe iOverstrand, uJohn waba nguMphathi: kwiSebe leMisebenzi yoKwakha. "Kwinyaka elandelayo ndasebenza kumabhunga aliqela - nakulawo ethutyana - ndazibona izinto ziguquka nokuhamba kwamaxesha. Ndandiyamkela imicelimngeni eyayimana ivela neendlela zokusebenza kumasipala oguqugukayo. Kuloo nto kanye ndibulela inxaso endandiyifumana koogxa bam nakwisitafu sase-Overstrand ngokupheleleyo. "Uhambo lwethu lunembali kwaye kwakuliwonga kum ukusebenza nabantu ababekukhuthele kangako, yinto eyandenza ndazingca. Xa kukho umoya wentsebenziswano ngolu hlobo, ndiqinisekile ukuba iOverstrand iya kuqhubeka isisibane esikhanyisa indlela iminyaka emininzi ezayo."

Ndiyalibulela iphulo leMadiba Day likaSodolophu Dudley Coetzee nelungu lestafu elincedisana naye uDoret Taljaart, amagosa enkonzo yonyanzeliso-mthetho uRodwin Telling (ekhohlo), uNelson Kanunu noTony Blankenberg ebe kutshintshiselwana ngezidlele zabo bewolwa ngabahlali xa bebehambisa iingubo, izikhafu neebeanies ezinithwe ngabahlali baseOverstrand benika imbeko kuMadiba. USodolophu wenze umbulelo kumanenekazi akwiiOfisi zoLawulo ngeminikelo yawo.

USapho lwaseOvestrand longezeleke ngala malungu alandelayo:

NguKarli, ozelwe ngomhla wama-21kuMeyi 2018, ubunzima bakhe buyi-3.7 kg umlinganiselo wakhe ungama-52 cm. Yintombi yesibini kaMarissa Radyn, osebenza kwiSebe lezoMbane eGansbaai.

Into angayaziyo uKarli yeyokuba "unomtakwabo azelwe naye bengamawele". Kwangalo mhla wama-21kuMeyi, uJanet, oyinkosikazi kaPetrus Roux kwiSebe lokuYila isixeko wabeleka usana oluyinkwenkwe, igama lali nguElijah.

UBenjamin Kondokter osebenza kwiSebe leeNkonzo zoKusingqongileyo eGansbaai, waba ngutata wosana oluyinkwenkwe, egama layo lingu Eden ngomhla wesi-2 kuAgasti 2018. U-Eden uzelwe enobunzima obuyi-4.5 kg kwaye ukwangumzukulwana kaBen Kondokter. U-Ben usebenze kwiCandelo loKuthuthwa kweNkunkuma iminyaka emininzi, kodwa ngoku udla umhlaphantsi.

Ngomhla we-17 kuJulayi 2018, uAiden noSharelene Johannes bafikelwa lilungu elitsha losapho uZahra-Leigh. Uzelwe enobunzima obuyi-t 3.4 kg. U-Aiden uncedisa kwindawo ehla ingenise iinqanawa kwindawo elizibuko eKleinmond.

Siyayiqonda into yokuba beniphantsi kwexesha elinzima kwiinyanga eziliqela ezidlulileyo. Ngxatsho ke! kootata noomama abaqalayo ukufumana abantwana. Ze ningalibali ukusithumela imifanekiso yabantwana benu ukuze nathi sivuyisane nani - ed.

Amalungu estafu anexesha elininzi ephangela anikwa izitifiketi zokuwanika imbeko ngentembeko nokuzinikela kwawo emsebenzini kwintlanganiso yeBhunga ngoLwesithathu umhla wama-26 kuSeptemba.

Amalungu amane estafu asebenze ngokuzinikela iminyaka engama-25, lilungu elinye lestafu kuphela elisebenze iminyaka engama-30 ngentembeko nokuzimisela. Nanga amagosa akwiiOfisi zoLawulo eHermanus (ekhohlo ukuya ekunene):nguCoenie Groenewald uMphathi kaMasipala, nguNtombi Mtholo (iminyaka ili10), nguThembinkosi Dodana (iminyaka ingama-25), nguCarlton Joorst (iminyaka ili-10), nguSodolophu Dudley Coetzee, nguSonja Immelman (iminyaka ili-10), nguElsabé Stadler (iminyaka ili-10), nguCllr Andrew Komani, nguHanré Blignaut (iminyaka ili-10), nguNadine Lubeni (iminyaka ingama-20), nguEdward Fisher (iminyaka ili-10), noZingani Tshefu (iminyaka ili-10), ngaphambili nguLukas Kaptein (iminyaka ingama-25), nguMartin Plaatjies (iminyaka ingama-25), nguFrancina Philander (iminyaka ingama-25), noZillian Davids (iminyaka ili-10), baphethe izitifikethi zabo.

Ababoniswe ngezantsi apha nguAron Gcotyelwa oliGosa kwiSebe leZindlu kwiiOfisi zoLawulo eGansbaai, indoda eneminyaka eli-15 egameni layo.